

UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS312 & XHS312E

DEGREE EXAMINATIONS

June 2017

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Poetry & Drama

Marks: 100

This paper consists of 10 pages including the cover.

Internal Examiners

Dr. NP Satyo
Prof. CR Botha
Dr. NZ Gxekwa
Dr S S Mdaka

External Examiners

Dr. L L Kwatsha

Instructions

Phendula imibuzo ibe mine (4).
Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye.

XHS312 Poetry & Drama
Degree Examinations - June 2017

ICANDELO A

Umbuzo 1

1.1 Umyezo: JJR Jolobe

NgokukaSatyo "uburharha singabuchaza njengendibanisela yokutsala novelwano. Kubandakanya nokuhlekisa". Ujonge le ngcamango yale ngcali icatshulwe ngentla dlakaza lo mbongo ulandelayo uveza uburharha abuvezileyo umbhali. Oku ke ukwenza ngokuthi uqaphele izangotshe zolwimi ezifumaneka kulo mbongo.

Isimoyoywane

Isithuli somfundi satyholwa ngokuzidla
Lolunye udodana lwasongelwa siyalwe
Ngempoxo kumthinjana sasingumnyewu kade.
Lavuthwa iyelenqe laqandusela msinya.

Eso simoyoywana sabe sizinxibela
Izambatho zekaki zikholisa ngamanya.
Lulambatha uqolo losongo lwamanono;
Sihlala silikhweswa, sithand'iincwadi zodwa.

Kwakhethwa inzwakazi esisicibala,
Kwathiwa kuso ngathi iyasibuka noko,
Singathi sibhalile bahlobane ngenene.
Sabhal'isidengana sathumela kwangabo.

Yehla entung'intsini kufundwa imizamo
Yokuzithandekisa ngamazwi abubusi;
Oomntakwethu, litha lam, nkwenkwezi yentliziyo,
Nyibiba yezihlambo; yaphelela kwakubo.

Kwagqitywa iphendulwe ngegama lenzwakazi.
Naxa yabulelayo ngokufuman'eyakhe.
Yayimangala noko. Yasiwa le mpendulo.
Sancumeza sincoma imbek'ukuphendulwa.

Sakhalaza ngendawo yokung'asihoyiwe.

Sakhuthazwa liqumrhu ngovelwano lweqhinga.
Kwathiwa lisikwana leentombi zonke elo
Zinge azikuse so ziling'umonde womntu.

Sabhal'eyesibini ngecebiso lekhaba,
Sathand'ukuziyeka neekaki ngaloo mhla,
Safak'ezineqolo iimpahla njengabanye.
Kuhlekwa kuthi yaa ekungazini kwaso.

Yabuya impendulo yanga yexolisayo
Kuba yahlal'ithuba iman'iphindwaphindwa
Ngumniniyo ileswa kwigumbi lokulala.
Kwahlekwa abuhlungu amathumbu le mihla.

Ngokubhala kwequmrhu sasamkelw'isicelo.
Sabhal'eyombulelo satyibela sincoma,
Sicel'ukuhlangana ngentlazane ngengomso.
Yasiwa le ncwadi kwinzwakazi ngesiqu.

Yayifunda bajika baluthuthu ubuso.
Ngentlazane yamfuna seyivutha ngumsindo,
Limi kwiimboniselo iqumrhu leyelenqe
Wath'encuma kamnandi yamfuna ijalile.

Yawenza aba mbalwa ibuza kalukhuni
Ukub'ushobani na ukubhala amanga
Engazaniyo nawo. Yathi angaze aphinde
Agezele ngakuyo. Yamshiya ethe manga.

Kwahlekw'unyaka wonke sisinala siphela,
Siqumbe sisisifu eso simoyoywana.
Babuya baxolisa abaphembi bendlalo.
Wakhokela loo mfundi kwiimviwo zokugqibela.

OKANYE

1.2 Umyezo: JJR Jolobe

Gqwathula kulo mbongo ulandelayo ubenge uxhom' exhantini indlela le mbongi ekhonkotha ikhalimela ngayo amakhwiniba emikhuba akhothame kwiinkokheli zethu.

[25]

Umqhagi wakowethu

Ku-ku-ru-ku-ku-u-u!
Ngumfo, wondlekile, unobungangamsha,
Udum' isidima, umgcini lusapho.
Uhlolahlol' umzi, ungangenwa lutshaba,
Ungamv' edumzela, "Ha-yi! Ubumnini-i-mzi!"

Izikhukukazi zathi, "Uvile lo mfana!
Yintwan' esileyo, efanelwe kukohlwaywa."
Zinjalo iinkosi; azinto zakugxekwa.
Usalawula loo mqhagi, umgcini lusapho.
Ku-ku-ru-ku-ku-u-u!

Ebusuku ulala elinde utshaba;
Ezinukwin' amemez' agxoth' ukoyika,
Avakal' esithi, "Ndikhumbul' eMbha-a-she!"
Abuy' ayigqume intloko ngephiko.

Kamsinya ubuya avuswe lixhala,
Amemeze, "Madoda, khanindincaze-e-le!"
Athi akuphendulwa, abuye alale,
Ngekhwez' athi, "Kuyasa, ngoz' ipheli-i-le!"

Ngengomso utyel' izikhukukazi nosapho
Ukuthi awungangant' owakh' umsebenzi.
Ugcine bon' aba, akalal' ebusuku;
Ad' athi ezincoma, angade abafele.

Khe kwathi mhi' uthile, esathetha kwale nto,
Ukhozi olukhulu lwarhiwula kufuphi.
Kwaqala kwayena ukothuka, wagqotsa,
Ekhwaza, "Lumkani!" usapho lungemva.

Eliny' iqhudana lamdela loo mini,
Latsho lazimisa bhuxe enkundleni,
Emehlweni omhlambi lamgxwala, "Mboneni!
Uziqhayis' ubukhosi, ukanti ligwala!"

Ukhe wathi zol' okwexesha, akathetha,
Wathi tu, esasondela kuhle kufuphi.
Wabuza, "Utsho kum na?" Lathi, "Nditsho

XHS312 Poetry & Drama
Degree Examinations - June 2017

Umbuzo 2

2. 1 Inzuzo: SEK Mqhayi

Chonga izafobe, amagama antsokothileyo nezinye izangotshe zolwimi ozaziyo ezintama imo yomphefumlo wembongi kulo mbongo ungezantsi. Zichaze ngokuthe gca ziveze iimvakalelo zembongi.

Ekhaya

Ndikhumbul'ikhaya!
Noko bendiz'emfundweni,
Andidele nto ndizifundiswayo,
Ndicinga ngekhaya----
Kwakh'! Ewe, ngekhaya!
Ndikhumbul'ikhaya!
Noko sendiseskolweni;
Batsho bade bophel'abafundisi,
Tyaba elaa tholana!
Nelaa takanana!
Ndikhumbul'ikhaya!
Likude nasebuhleni;
Ndibathand'abafundisi nezifundo;
Kodwa hay'utata!
Kodwa hay'upapa!

Ndikhumbul'ikhaya!
Kungekho nt'iphi ekutyeni,
Ndiyatyiswa, ndilulekwa, ndiqeqeshwa;
Kodwa hayi umama!
Ndincece ngomama!

Ndikhumbul'ikhaya!
Phofu ndisekunconyweni,
Ngezifundo, ngemidlalo, ngentobeko.
Hayi kodw'ikokwethu
Neenkukwana zalo.

XHS312 Poetry & Drama
Degree Examinations - June 2017

Ndikhumbul'ikhaya!
Apha ndisekuthandweni;
Akungetsho undibon'ekwayaleni;
Kodwa, kwakh'! Hay;ikhaya!
Mfo! Kumnandi ekhaya!!!

[25]

OKANYE

2.2 Inzuzo: SEK Mqhayi

Khwahlaza ukhukhuze le migca ingezantsi uxhom' exhantini iindlela - ndlela le mbongi entyontya intyiloza ivum' ingoma yezango zobugorha bale ngangalala yakwaDube.

[25]

UMafukuzela (UDr. J L Dube)

Phindela phesheya nto kaDube!
Phindela phesheya Mafukuzela!
Nkamel' ethwal' iinzingo zeAfrika;
Ithwal' iingxakeko neembandezelo zayo,
Ikhe yathwal' ezinye yaziphumeza,—
Yathwal' ezinye, ezinye, kwanezinye;
Thole lenkunzi yaseMpumalanga,—
Bath' ukuyibiza nguMafukuzela.

Phindela kwakhona nyath' ematyhoboza!
Thole lesilo, thole lerhamncwa.
Nkunz' ekhonyel' iinkunz' ezikude.
Phesha kwemilambo naphesha kweelwandle;
Nkunz' eth' ukukhonya yenz' umpongampo
Ithath' izisind' iziphose ngasemva;
Ikhuph' umnqambulo kwezinye iinkunzi,
Ibeth' elundeni kwizaphuselana.

Ndathanda thole lohlanga ndathanda,—
Lagquba ngothuli lijongè ngaseNtla.
Labeth' Ohlange kwaphuma neLanga,
Langqish' eRhawutini kwavel' iGolide,
Babukel' ooGumede nabooRhadebe,—
Wafunz' okaThema nokaMakgatho,
Yalal' enkonxen' iKolon' endala,

Phindel' edabini nto kaDube!
Ukuzalwa wedwa ngumluwanyama;
IAfrika ayizalang' izalele phantsi;
Nempundan' ekhoy' ibulew' intliziyo,—
Yaf' ihamba yaxel' umkholonjane.
Sibe kuy' egqirheni lahlab' ishwangusha;
Ichanti, nohili, nomgubo kaphezulu;
Sakunyuka nengalo lihla noNondyola.

XHS312 Poetry & Drama
Degree Examinations - June 2017

ICANDELO B

Umbuzo 3

3.1 UDike noCikizwa : A.M . Mmango

"Ebudaleni bam ndizazile ezi zipho ndaza ndathandaza noDike Mgubelo umfana wase Bhalasi, ebendizikhethela ukufa naye. Umngqweni wam awubanga nakuphumelela ngenxa yokufa kwalo mfana okwandulelwe zizikhubekiso ezihlininikisayo"

Khawuxoxe ngalo mlinganiswa useyama kwisihloko sale ncwadi kaMmango.

[25]

OKANYE

3.2 Si-i Ngugawulayo: H.M. Sirayi

Hlalutya le drama kaSirayi ethe yabhalwa ngexesha elisemva kobandlululo (kwixa lenkululeko). Zeziphi iimpawu zeli xesha eziphuhlisiwe apha kulo mdlalo?

[25]

Umbuzo 4

Amathunzi Obomi: J.J.R. Jolobe

Khawuxoxe ngendlela uJolobe ambumbe ngayo umlinganiswa onguMaDlomo kule ncwadi ithi Amathunzi Obomi.

[25]

Umbuzo 5

5.1 Umkhonto kaTshiwo: A.P. Ngani

UTshiwo uzigwaze ngowakhe umkhonto. Khawuxoxe kuvokothetheke, weyame kwisi hloko sale ncwadi kaNgani esithi Umkhonto kaTshiwo.

[25]

XHS312 Poetry & Drama
Degree Examinations - June 2017

OKANYE

5.2 UNgodongwana: (PM Ntloko)

Hlalutya lo mdlalo ukhankanywe apha ngasentla njengomdlalo wodidi lwezembali (historical drama) ngokubhekisela kwezi zihloko zilandelayo:

Abalinganiswa / Iintshukumo zabalinganiswa / Iziganeko / Umxholo

[25]

Umbuzo 6

6.1 Amaza: Z.S. Qangule

Khawuxoxe ngokulephuza kwamaza apha kule ncwadi ithi: **Amaza** ugxile kwiziganeko ngeziganeko ezenzekileyo.

[25]

OKANYE

6.2 Amaza: Z.S. Qangule

Khawuthelekise iibono zaseNtshona nezesiNtu malunga namasiko nezithethe ezinxulumene nezomtshato. Ncoma ugxeka umbono ngamnye njengoko uphuhliswe kulo mdlalo kaQangule.

[25]